VAKALISA ULUVO LWAKHO!
INGXELO ENGESICWANGCISOBUCHULE ESINGOLAWULO LOKUTHUTHWA KWEMITHWALO

ISixeko saseKapa simema onke amaqela anomdla nachaphazelekayo ukuba ahlomle malunga nesiCwangcisobuchule esihlaziyiweyo esingoLawulo lokuThuthwa kweMithwalo (FMS) esijolise ekuqinisekiseni ukuba zonke izithuthi ezithutha imithwalo eziya nezijikeleza eKapa zikhuselekile, zisebenza kakuhle kwaye zithembekile, kwaye ziyahlangabezana neemfuno zoqoqosho lwasekhaya nolwengingqi ngaphandle kokubeka esichengeni ukufikelela kunye neemfuno zezothutho kwabanye abasebenzisi beendlela nooloiwe.

Uthutho lwemithwalo luvumela uqoqosho lommandla ngokuququzelela ukuhamba kweempahla ezixhasa urhwebo, ushishino kunye nokuphila kunye neemfuno zasekuhlaleni.

I-FMS ehlaziyiweyo yakhela phezu kwesicwangcisobuchule sowama2016 esichonge imiba engundoqo efana nokuxinana kweziseko zophuhliso, ukhuseleko nokunganyanzelisi umthetho ngokwaneleyo kwicandelo lezothutho, kunye nokulungelelaniswa neenjongo zesizwe, ezengingqi nezommandla. Kukho imfuneko engxamisekileyo yokuthutha imithwalo engeminye ukusuka kwindlela ukuya kumzila kaloliwe, kunye nokusetyenziswa kakhulu kweenkonzo zasemva kweeyure zomsebenzi ezinikezelwa lizibuko. Ikwabandakanya izinto ezintsha ezihamba phambili ngokubaluleka ezifana nocwangciso lokusetyenziswa komhlaba, ukujongana neshishini lokuthuthwa kwemithwalo emincinci, ukupakwa kweelori ngokungekho sesikweni, kunye nokugxila ekuthotyelweni kokuxhasa umbono jikelele.

Ngokwecandelo 17 loMthetho wobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala, uMthetho 32 ka2000, uluntu kwakunye namaqela anomdla lunikwa ithuba lokungenisa kumasipala izimvo, izindululo okanye izilungiso kwesi siCwangciso kumasipala ukususela ngoLwesibini 24 kweyoMdumba (Febhruwari) ukuya ngoLwesibini 31 kweyoKwindla (Matshi) 2026.

Izimvo, izindululo okanye izilungiso zingangeniswa ngezi ndlela zilandelayo:

- Ngeimeyile: UrbanMobility.CT@capetown.gov.za (ubhale Iriferensi 110252609)
- Ngeintanethi: Skena iQR khowudi ukuze ungenise izimvo zakho ngeintanethi
- Ngokungena ku www.capetown.gov.za/haveyoursay okanye www.capetown.gov.za/collaborate
- Izimvo ezibhaliweyo: Iifomu zezimvo ezibhaliweyo ziyafumaneka kwiofisi yeBhungana elikufutshane nawe okanye kwithala leencwadi leSixeko

Isishwankathelo sesicwangcisobuchule esisayilwayo (ngazo zontathu iilwimi ezisemthethweni) kunye nesicwangcisobuchule esipheleleyo esingolawulo lokuthuthwa kwemithwalo, siya kufumaneka ukuze sijongwe apha:

- Kwiwebusayithi yeSixeko: www.capetown.gov.za/haveyoursay naku www.capetown.gov.za/collaborate
- Kuzo zonke ii-ofisi zamaBhungana nakumathala eencwadi eSixeko

IYunithi yeSixeko ejongene neNtathonxaxheba yoLuntu iza kuncedisa abantu abangakwaziyo ukufunda okanye ukubhala, abantu abakhubazekileyo nabantu abaphuma kumaqela angathathintweni abangakwaziyo ukungenisa izimvo ezibhaliweyo. Qhagamshelana noZandile Mahlasela ku 021 400 5501okanye Zandile.Mahlasela@capetown.gov.za.

Ngeenkcukacha ezingezinye eziphathelene nesicwangciso esiluyilo, ungathumela i-imeyile ku UrbanMobility.CT@capetown.gov.za okanye utsalele kumphathi weprojekthi ku 021 400 9339.

LUNGELO MBANDAZAYO
UMPHATHI WESIXEKO
CTA30/2026

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.